URhulumente weNtshona Koloni
EzeMfundo

ICandelo leKharityhulam ye*FET*

Isalathiso: 20190404-3441
Inombolo yefayili: 12/2/8/13/31
Imibuzo: B Tobin

INgcaciso eMfutshane yeCandelo leKharityhulam ye*FET*: DCF 0006/2019

Iya: KumaSekela Balawuli-Jikelele, kuBalawuli abaziiNtloko, kuBalawuli, kwiiNgcali zeMfundo eziziiNtloko, kwiiNtloko zoKunika iNkxaso kwiKharityhulam, kuBaphathi beeSekethe, kumaSekela eeNgcali zeMfundo eziziiNtloko, kuBacebisi beZifundo ngezeMbali kwi*FET* nabeZifundo zoKhenketho nakwiiNqununu zezikolo eziziisekondari zikarhulumente eziqhelekileyo

**Isihloko: Isicelo sokuthatha inxaxheba kuKhuphiswano olungeMvelaphi eliLifa Lethu ngo-2019**

1. Iprogram i-*Heritage Education Schools Outreach Programme* (*HESOP*) iyaqhubeka ukuba sesinye seziseko zobuchule eziphambili zokuxhasa i-*National Heritage Council* (*NHC*) ngokunxulumene nokunika ulwazi ngenkcubeko yaseMzantsi Afrika nenkcubeko kwakunye nemvelaphi elilifa lethu yezendalo. Yinkqubo yaqho ngonyaka yabafundi, eqala kwisithili ukuya kwinqanaba lephondo nephelela kwikhempu kazwelonke yeentsuku ezintlanu.

2. Le program yenziwa ngobuhlakani nabathathi-nxaxheba abahluka-hlukeneyo kubandakanywa iSebe leMfundo esiSiseko likazwelonke, i-*South African National Parks, Film and Video Foundation*, *National Arts Council*, *Brand South Africa* kunye ne-*South African Heritage Resources Agency* lo gama kwinqanaba lephondo i-*NHC* isebenza ngokusondeleyo namaSebe ePhondo eMidlalo, uBugcisa neNkcubeko (amaPhondo iLimpopo neMpumalanga) kunye ne-*Nelson Mandela Museum* eMthatha (kwiPhondo leMpuma Koloni).

3. Olu khuphiswano luvuleleke kubo bonke abafundi bamaBakala 8 ukuya ku-11. Amaqela makabe nabafundi abane kwiqela ngalinye yaye izikolo ziyacetyiswa ziwuqwalasele umba wesini. Wonke umsebenzi obhaliweyo neengcaciso-ntetho mazibe ngolwimi lwesiNgesi.

3.1 Ukulungiselela ukhuphiswano lwephondo kuya kubanjwa **umasifundisane wamalungiselelo ngoMgqibelo, we-13 Apreli 2019 e*Cape Teaching and Leadership* Institute, e*Nooiensfontein Road*, e*Kuils River***. Kucelwa ubhalisele umasifundisane ngokusebenzisa le linki ilandelayo: [https://tinyurl.com/Heritage-Competition](https://tinyurl.com/Heritage-Competition).

Lower Parliament Street, Cape Town, 8001
Tel: +27 21 467 2251 Fax: +27 21 467 2620
Safe Schools: 0800 45 46 47
Private Bag X9114, Cape Town, 8000
Employment and salary enquiries: 0861 92 33 22
www.westerncape.gov.za

3.2 Izikolo ezinqwenela ukuthatha inxaxheba mazizalise yaye zibuyisele le fom yokubhalisa iqhotyoshelweyo (**isiHlomelo A**) kunye **nephothifoliyo ebubungqina** kumcebisi ngezifundo zeMbali wesithili ungadlulanga **uLwesihlanu, we-23 Agasti 2019**.

3.3 **Ukhuphiswano lwephondo** luya kubanjwa **ngoMgqibelo, nge-07 Septemba 2019**. Kuya kukhethwa iqela lesikolo libe linye ukumela iNtshona Koloni kukhuphiswano lukazwelonke. Indawo iya kungqinisiswa kuzo zonke izikolo ezithatha inxaxheba ngokudlula kubacebisi ngezifundo ngezeMbali noKhenketho (*History and Tourism*).

3.4 **Ukhuphiswano lukazwelonke** luya kubanjwa ukususela **nge-30 Septemba** ukuya **kwi-04 Oktobha 2019 e*Kruger National Park*, kwiPhondo laseMpumalanga**.

4. Izihloko zango-2019 **zisekelwe kwisiCwangciso soPhuhliso sikaZwelonke kwiCandelo loBugcisa, iNkcubeko neMvelaphi eliLifa Lethu (*National Development Plan and the Arts, Culture and Heritage Sector*).** Abafundi balindeleke ukuba bazalise **ZONTATHU** ezi zihloko zilandelayo:

- **Isihloko 1:** Yenza ingcaciso-ntetho ngendlela ubugcisa bokuyila nokwenziwayo (*creative and performing arts*) okunokufaka igalelo ngayo ekulondolozweni nasekuxhasweni kwemvelaphi elilifa lethu yenkcubeko neyendalo kwanokuphunyezwa kokuncitshiswa kwentlupheko, ukudalwa kwemisebenzi, ubuthandazwe, umanyano, ubumbano lwezentlalo nokwakha isizwe njengoko kwazisiwe sisiCwangciso soPhuhliso sikaZwelonke (*National Development Plan*), ngokukodwa isiPhumo 14. Cacisa ngokusebenzisa imizekelo efumaneka ekuhlaleni kwakho.
- **Isihloko 2:** Cacisa indlela thina Bantsundu, kuba siyinxalenye yamazwe adibeneyo (*global village*) esinokuthi silondoloze yaye sixhase imvelaphi yenkcubeko elilifa lethu engaphathekiyo nokuqinisekisa ukukhuselwa kwamalungelo enkcubeko wethu, lo gama sifaka igalelo elililo ekusombululeni imingeni ekujongenwe nayo lihlabathi ngokubanzi, nokuba ngumba wamayeza, impixano, ubundlobongela obusekelwe kwisini, uphuhliso, ubumbano lwezentlalo, njl. njl. Abafundi kulindeleke banike imizekelo xa bephendula lo mbuzo.
- **Isihloko 3:** Qaphela imithombo yemvelaphi elilifa lethu kwindawo yabo ebonisa ngokucacileyo ukuba "abantu abahluka-hlukeneyo bamanyene" ("*!ke e: /xarra //ke*") yaye iphantsi kwesoyikiso sokungabi luncedo okanye itshatyalaliswe. Cacisa ngeemeko neendlela ekunokuthi ngazo ezi ndawo zibe nokutshintshwa zibe yimithombo eluncedo kubahlali abangqongileyo nakwilizwe ngokubanzi. Chaza ukuba lo mthombo ubaluleke gqitha kwiHlabathi (kwingingqi/kwilizwekazi), kwiBakala 1 (kuzwelonke) okanye kwiBakala 2 (kwiphondo).

5. **Indlela olume ngayo ukhuphiswano**

5.1 Abafundi mabaqhube uphando ngezihloko ezithathu. Uphando olwenziweyo maluxhaswe ludliwano-ndlebe (iikhweshine, iishedyuli zodliwano-ndlebe, iitranskripthi zodliwano-ndlebe nokurekhodiweyo, ukuqwalaselwa kwemiba yentsulungeko) kunye nemifanekiso, njl. njl.

5.2 **Iphepha lophando**, kubandakanywa iingcaciso ezihamba nemifanekiso nebhibliyografi, yamakhasi amalunga ne-10–12 ubude ayafuneka. Ikhasi malibhalwe nge-*Arial font*, i-*font size 12* kunye ne-*1.5 line spacing*. Ikhasi lophando malibandakanye a) isishwankathelo, b) ingxoxo ephambili (iingxoxo eziphambili) okanye isiqu, c) iingcebiso, d) isiqukumbelo kunye no-e) ibhibliyografi okanye uluhlu lweencwadi ezisetyenzisiweyo.

5.3 Amaqela aya kunika **ingcaciso-ntetho yomlomo** yemizuzu eyi-20 esebenzisa u*PowerPoint*, nemizuzu emihlanu engaphezulu yemibuzo esuka kwiphaneli yabagwebi.

5.4 **Iphothifoliyo ebubungqina** mayingeniswe ibandakanye izinto ezidweliswe kwimihlathi 5.1, 5.2 no-5.3. Iphothifoliyo ebubungqina kufuneka ibe a) nesalathiso (*index*), b) itheyibhile yokuqulathiweyo kunye c) nebhibliyografi.

6. **Inkqubo yokugweba**

Iikhrayitheriya zokuhlola eziya kusetyenziswa ukugweba iingcaciso-ntetho kumanqanaba ephondo nakazwelonke zicacisiwe **kwisiHlomelo B**.

7. Ukufumana ingcaciso engaphezulu, kucelwa uqhagamshelane noBridget Tobin kwifoni 021 467 2251 okanye uthumele ngedilesi ye-imeyili: Bridget.Tobin@westerncape.gov.za.

8. Kucelwa iinqununu zazise okukule ngcaciso imfutshane ikomiti yolawulo lwesikolo nootitshala abachaphazelekayo ukuze bakuthathele ingqalelo.

**ISAYINWE:** NGU-PAD BEETS
**USEKELA MLAWULI-JIKELELE WOLAWULO LWEKHARITYHULAM NOVAVANYO**
**UMHLA:** 2019-04-09

**ANNEXURE A**

# THE HERITAGE EDUCATION OUTREACH PROGRAMME

**2019**

| | |
|---|---|
| **Name of the Secondary School** | |
| **Private or Public School** | |
| **Rural or Urban School** | |
| **If Public School please indicate Quintile** | |
| **Province** | |
| **District** | |
| **Name of Principal / Responsible Teacher** | |
| **Postal address of the School** | |
| **E-mail address** | |
| **Tel numbers** | Mobile (   )   Landline (   ) |
| **Fax number** | |
| **PERSONAL DETAILS OF LEARNER 1** | |
| **Initials & Full names** | Initials:   Names: |
| **Surname** | |
| **Gender** | ☐ Male   ☐ Female *(Please ☑ the appropriate box)*   Grade (8-11) |
| **Identity number** | Age: |
| **E-mail address** | |
| **Mobile number** | |
| **Landline number** | |

nhc
National Heritage Council
SOUTH AFRICA
an agency of the
Department of Arts and Culture

Domus Building Office no. 016
57 kasteel Road | Lynwood Glen | P.O Box 74097
Lynwood Ridge South Africa | 0040
T: +27 12 348 1663/8223 | F: +27 12 348 2833

www.nhc.org.za

Western Cape Government
Education

# ANNEXURE B

**HERITAGE EDUCATION OUTREACH PROGRAMME: HESOP**

**DISTRICT:** **SCHOOL:**

| **PORTFOLIO AND WRITTEN RESEARCH PAPER = 60%** | **Total** | **Mark allocated** |
|---|---|---|
| Criterion (1) Well formulated abstract on the research paper | 10 | |
| Criterion (2) Use of a variety of sources of evidence and information (Type of evidence presented e.g. Transcripts, photos, maps etc. in the portfolio of evidence) | 10 | |
| Criterion (3) Knowledge and understanding of the heritage aspects discussed in the research paper | 15 | |
| Criterion (4) Impact of the subject matters on the broader South African heritage landscape (as contained in either the portfolio or the research paper: Liberation, tangible and intangible cultural heritage) | 15 | |
| Criterion (5) Outline and sequencing of both the portfolio and the research paper (including table of contents and indexing) | 5 | |
| Criterion (6) Creativity in developing the portfolio | 5 | |

| **ORAL PRESENTATION = 40%** | **Total** | **Mark allocated** |
|---|---|---|
| Criterion (1) Audibility, structure, cohesion, pace, fluency and tone | 10 | |
| Criterion (2) Body language, gesture and eye contact | 10 | |
| Criterion (3) Creativity, including use of audio-visual aids | 10 | |
| Criterion (4) Reflection on lessons learned from the research process | 10 | |

| **TOTAL MARKS** | **100** | |
|---|---|---|
| Additional Adjudicator Comments | | |